



Batyelela umzi wogcino zilwanyana



Molteno




Kungempela-veki, ikhosi yethu ityelela i*Kruger National Park*. Ngowona mzi wogcino zilwanyana mkhulu kwisizwe sonke.



Xa ujonga kwimephu, uqaphela ukuba idibanisa iphondo iMpumalanga kunye neLimpopo.

Sinemincili kakhulu!





Kwangentseni sadibana nomkhokeli-tyelelo wethu, umgcini zilo uMpumelelo.

“Molweni nonke! Ningandibiza Mpumi. Umzi wogcino zilo uthule kakhulu, ngoko ke kufuneka sisebeze,” watsho uMpumi.






Sangena ngaphakathi epakini. Ngequbuliso uMpumi wamisa ibhasi. Wajonga ngezibonisi kude zakhe. Uziva echulumancile kakhulu!

“Ngubani osibonayo isilwanyana esinesikhumba esingqoqo esikwimali yethu engama-R200?” Wabuza esalatha kumthi omkhulu.

Ewe nasiya! Sibona ingwe esihlahleni somthi. Sinethamsanqa!

Qaphelani zimpunzi! Qaphelani maqhude!
Kukho ingwe elambileyo kufutshane!








Kungekudala uMpumi umisa ibhasi kwakhona. Uthi, “ngubani obona isilwanyana esineempondo ezinkulu esikwimali yethu eli-R100.”

Ewe! Phaya! Sibona inyathi engceni.

Qaphela ngcuka! Kukho inyathi enomsindo kufutshane!







Saqhubeka nohambo lwethu epakini.

UMpumi wamisa ibhasi. Ukhangeleka enemincili kwakhona. “Ngubani obona isilwanyana esisemalini yethu engama-R50?”

Ewe! Nasiya!! Sibona ingonyama phantsi komthi.

Sinethamsanqa ngokwenene!

Qaphela nyamakazi! La ngonyama inamazinyo neenzipho ezibukhali!







Sahamba siqhubeka epakini. Ngoku sonke sesibona indlovu enkulu engwevu phambi kwethu. UMpumi uthi “esi silwanyana sinomboko sisemalini engama-R20.”

Qaphela dyakalashé! La mabamba made kwaye abukhali!







Singena nzulu epakini.

UMpumi umisa ibhasi. Unemincili kakhulu.

Uyabuza, “ngubani osibonayo isilwanyana esikhethekileyo esikwimali eli-R10?”

Ewe, sibona imikhombe emibini.

UMpumi usixelela ukuba imikhombe iselungciphekweni lokuba izingelelwe iimpondo zayo. Sinethamsanqa elikhulu lokuba siyibone!








UMpumi ucela umqhubi ukuba eme kufutshane nendawo yepikiniki ukuze sikwazi ukutya isidlo sasemini.

“Namhlanje sibone izilwanyana ezinkulu ezintlanu ezibizwa ngokuba, yiBig Five. Kwamandulo zazisaziwa ngolu hlobo kuba yayizezona zilwanyana zinobungozi xa zizingelwa.





Emva kwesidlo sasemini sabuyela ebhasini sasendleleni egodukayo.

Sasingasakwazi nokulinda yimincili sifuna ukubona ukuba zeziphi ezinye izilwanyana esizakuzibona endleleni egodukayo.





Ngokwenene umzi wogcino-zilwanyana
yindawo emangalisayo!